



Inombolo yefayili: 21/2/5/2

Isalathiso: 20240415- 3153

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithyulam ye-GET: 0006/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba seSiseko, kwiiNqununu, kwiintloko zamaCandelo eZifundo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

**Isihloko: Ukuqaliswa kweProgram ecwangcisiweyo yoLwazi loKubhala noKufunda yesiNgesi uLwimi lweeNkobe esekelwe kuBuchule boKufunda (Science of Reading) kwiSigaba esiSiseko**

1. Ngowama-2019, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lithathe isigqibo sokulandela indlela yokufundiswa koLwimi okugxininisa kwiimfuno zabafundi (*differentiated Language approach*) kuLwimi lweeNkobe (HLs) ngalunye kwezintathu kwiphondo. Oku kwakusekelwe kwiziphumo zeemvavanyo zenkqubo yezemfundo (*Systemic tests*) ngowama-2011 ukuya kowama-2019 kwakunye neziphumo zophononongo lwe-*Progress in International Reading Literacy Study* ngowama-2016.
2. Kwenziwe uphando-nzulu olukhulu ngobuchule bokufunda nemiba enxulumene nako (*science of reading*). Olu phando lukhokelele kwisigqibo sokulandela indlela yokufundisa eyi-*synthetic phonics approach* ekukwahlulwa-hlulwa kwamagama abe zizandi, ukufundisa ukufunda kwiSigaba esiSiseko.
3. ISebe i-WCED lisebenzisene ne-*Universal Learning Solutions* ngowama-2019 laze laqalisa iprogram i-*Jolly Phonics*. Ngoku uqeqesho olungaphezulu luyimfuneko kubuchule bokufunda nemiba enxulumene nako ukulungiselela ukomeleza indlela yokufundisa ekukwahlulwa-hlulwa kwamagama abe zizandi kufundiswa ukufunda nokubhala.
4. Injongo yolu qeqesho kukomeleza ukufunda nolwazi lokuqonda kwisiNgesi HL kwiSigaba esiSiseko. Oku kuyinxalenye yesicwangciso sokufunda seNtshona Koloni (*Western Cape strategy*) nesicwangciso sobuchule seminyaka emihlanu seSebe i-WCED.
5. Bonke ootitshala beBakala 2 no-3 kwizithili ezikhethiweyo baqeqeshwe ngowama-2023.

6. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo ukuba ootitshala beBakala 1 kwizithili ezikhethiweyo baya kufumana uqeqesho kubuchule bokufunda (*science of reading*) ngowama-2024, ukulungiselela ukuphunyezwa kwale program ngowama-2025.
7. Ootitshala beBakala 1 baya kuqeqeshwa ukususela kowama-25 ukuya kowama-27 Septemba 2024. Bonke ootitshala beBakala 1 abafundisa isiNgesi *HL* kwizithili ezikhethiweyo kufuneka baye kuqeqesho.
8. Izithili ziya kuzazisa kwangethuba iinkcukacha neendawo zolu qeqesho.
9. Ukuba ufuna ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane nomququzeleli weSigaba esiSiseko wesithili ochaphazelekayo.

Isithili	Umququzeleli	Inombolo yefoni	I-imeyili
<i>Metro North</i>	Jenny Daniels	021 938 3044 084 388 5920	<a href="mailto:Jennifer.Daniels@westerncape.gov.za">Jennifer.Daniels@westerncape.gov.za</a>
<i>Metro South</i>	Vanessa Randelhoff	021 370 2025 083 309 1383	<a href="mailto:Vanessa.Randeloff@westerncape.gov.za">Vanessa.Randeloff@westerncape.gov.za</a>
<i>Metro Central</i>	Juanita van der Merwe	021 514 6773 079 944 7536	<a href="mailto:Juanita.vanderMerwe@westerncape.gov.za">Juanita.vanderMerwe@westerncape.gov.za</a>

10. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane zonke iiKomiti zoLawulo zeSikolo nootitshala beSigaba esiSiseko kwizikolo zabo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B LORISTON

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2024-04-18